

# Iziqulatho

| Ikota yesi-3 | Iphepha |
|---|---|


33 Umhlaba ubaluleke ngantoni kuthi? ........ 2
34 Ukubaluleka komhlaba........ 4
35 Okunye ngomhlaba ........ 6
36 Ukusebenza ngomhlaba ........ 8
37 Uthutho emhlabeni: endleleni ........10
38 Uthutho emhlabeni: oololiwe........12
39 Uthutho ngomoya........14
40 Uthutho ngamanzi........16
41 Okunye ngothutho lwasemanzini ........18
42 Uthutho lukawonke-wonke ........ 20
43 Ukhuseleko endleleni ........ 22
44 Imithetho yendlela........ 24
45 Oolindela besikolo........ 26
46 Asinceda njani amagosa endlela? ........ 28
47 Abanye abantu abasincedayo ........ 30
48 Umsebenzi olungileyo ekuhlaleni........ 32


| Ikota yesi-4 | Iphepha |
|---|---|


49 Ilizwe lethu, uMzantsi Afrika ........ 34
50 IFlegi yeSizwe........ 36
51 Umhobe wesizwe nembasa yesizwe ........ 38
52 Imiqondiso yesizwe........ 40
53 Iindlela ezahlukeneyo zonxibelelwano........ 42
54 Ukunxibelelana ngokubhala nangamazwi ethu ........ 44
55 Ezinye iindlela zokunxibelelana........ 46
56 Unxibelelwano ngezibhengezo nangomculo........ 48
57 Sinxibelelana njani xa singeva ngeendlebe? ........ 50
58 Sinxibelelana njani xa singaboni? ........ 52
59 Imini nobusuku ........ 54
60 Amaphupha neminqweno ebusuku ........ 56
61 Umsebenzi wasemini nowasebusuku ........ 58
62 Ukwenza umsebenzi olungileyo ebusuku ........ 60
63 Izilwanyana zasebusuku ........ 62
64 Isilwanyana esihlala sikhuselekile ebusuku........ 64












UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko

UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.


Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



Tenth edition 2020

ISBN 978-1-4315-0265-3



**This book may not be sold.**

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Gr2 XHO LS B2_Cover.indd 2 2019/06/30 10:22:51

# Umhlaba ubaluleke ngantoni kuthi?

Masifunde

Abantu bafuna umhlaba ukuze baphile. Indawo esiphila kuyo yenziwe ngomhlaba. Sakha izindlu zethu emhlabeni, siphinde silime izityalo esizityayo emhlabeni. Izilwanyana nazo zikwafuna umhlaba. Iibhokhwe neenkomo zitya ingca kunye nezityalo ezithile ezikhula emhlabeni. Ezinye izilwanyana ezincinane, ezifana nemivundla kunye neempuku, kananjalo nezinambuzane ezifana neembovane nemibungu, ziphila emhlabeni. Kanti phantse zonke zifuna umhlaba ezinokukhula kuwo.

Kukho iintlobo ezintathu ezahlukileyo zomhlaba.

## Umhlaba oyisanti

Ukuba uhlikihla lo mhlaba ngeminwe yakho, uya kufumanisa ukuba ulukhuni, womile kwaye ubuntlabathi. Kulula ukuba uphaphathekiswe ngumoya. Xa ugalela amanzi kumhlaba oyisanti, ayabaleka akhawuleze ukutshona kwaye ayayikhukulisa isanti leyo. Izityalo azikhuli kakuhle kulo mhlaba unebala elikhanyayo.



Umhlaba oyisanti

## Udongwe

Omnye umhlaba uvakala njengodongwe. Xa ulumanzisa olu hlobo lomhlaba luba ncangathi. Zininzi izinto onokuzenza ngodongwe olumanzi, njengeekomityi, iingqayi, izitya nezilwanyana zodongwe. Xa isina imvula, udongwe luwagcina ixesha elide amanzi kanti nezityalo ezikhula kulo ziba manzi kakhulu.



Umhlaba oludongwe



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 2 2019/10/20 22:16:29

## Umhlaba ovunduvundu

Umhlaba ovunduvundu ngowona mhlaba ulungele imbewu nezityalo. Lo mhlaba awubi manzi okanye wome kakhulu. Unokutya okwaneleyo okwenza izityalo zihlale zikhula. Umhlaba ovunduvundu ufana nomxube wesanti nodongwe kodwa udla ngokuba nombala omnyama.



Uvunduvundu

**Masenze** Fumanisa ukuba isikolo sakho sinomhlaba onjani.



- Hamba-hamba ujikeleze isikolo nomhlobo wakho nikhangele ukuba ningawufumana na umhlaba oyisanti, udongwe novunduvundu.
- Yiza nomhlaba weendawo ezintathu ezahluka-hlukileyo eklasini, uwufake ezinkonkxeni ,ezingxoweni okanye ezikomityini.
- Bhala iinombolo kwizikhongozeli 1, 2, no-3.

**Masithethe** Thetha nomhlobo wakho ngomhlaba oze nawo kumabala esikolo. Phendula le mibuzo ngohlobo ngalunye lomhlaba.



- Ukhangeleka njani umhlaba?
- Uvakala njani umhlaba esandleni?
- Bezikhona izityalo ezikhula kulo mhlaba?

**Masibhale** Bhala kwikholam yokuqala indawo owufumene kuyo umhlaba uze ufake umbala kwiimpendulo ezichanekileyo.


| Uwufumene phi umhlaba? | Uvakala njani? | | | Bezikhona izityalo kuwo? | |
|---|---|---|---|---|---|
| | womile | umanzi kwaye uncangathi | uyaphuqeka | ewe | hayi |
| | womile | umanzi kwaye uncangathi | uyaphuqeka | ewe | hayi |
| | womile | umanzi kwaye uncangathi | uyaphuqeka | ewe | hayi |



# Ukubaluleka komhlaba

Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngazo zonke izilwanyana eziphila emhlabeni.




Masithethe

Xelela umhlobo wakho ngezilwanyana ozibona emfanekisweni. Ingaba zikhona na ezinye izilwanyana onokuzicinga eziphila emhlabeni? Bhala amagama azo.

| | | |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

Masenze

- Zoba okanye upeyinte umfanekiso weentaka, intlanzi okanye izinambuzane. Xoxa ngemibala nemilo yazo.
- Qokelela izinto zendalo njengamasetyana, amagqabi, iwulu okanye isanti. Yenza ingqokelela yemifanekiso. Thetha ngemibala, iimilo kunye nemvakalo yazo.



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 4 2019/10/20 22:16:37

Umhla: ..............................


**Masibhale** Krwela umgca ukuze utshatise ezi zinto zikwibhokisi engasekhohlo nendlela ezivakala ngayo xa uzibamba kwibhokisi engasekunene.


| | |
|---|---|
| ubusi | ulukhuni |
| umqamelo | incangathi |
| iliva | igudile |
| umgangatho | uthambile |
| iglasi | imtyibilizi |
| isepha | libukhali |



**Masibhale** Zivakala njani ezi zinto? Bhala iimpendulo zakho.












**Masishukume**

Yenzani isangqa. Balekani niye kwicala langasekunene niphinde niye kwelinye icala ngasekhohlo. Ngoku phosela abafundi ibhola ubalandelelanise ngabanye. Qala ubhekise kwicala langasekunene uphinde uye kwelinye icala.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 5 2019/10/20 22:16:40

# Okunye ngomhlaba

**Masifunde** Kufuneka siwuphathe kakuhle umhlaba.

Eyona ndawo yomhlaba ibaluleke kakhulu ebantwini nasezilwanyaneni ngumhlaba ongaphezulu. Lo ngumhlaba ezikhula kuwo izityalo. Iingcambu zezityalo zinqanda umoya nemvula ekukhukuliseni umhlaba ongaphezulu. Ziyafa izityalo xa imvula incinane kakhulu, okanye xa kukho umlilo. Kanti naxa imvula ininzi kakhulu ziyafa. Xa kungekho zityalo, umhlaba ongaphezulu ukhukuliswa yimvula, okanye uphaphatheke ngenxa yomoya. Xa kunjalo, kuthethwa ngokhukuliseko. Abantu nabo bayalwenza ukhukuliseko lomhlaba. Ukuba asiwuphathi kakuhle umhlaba, awunakukwazi ukondla izityalo ezikhula kuwo, kwaye ziya kufa. Ngenxa yoko, umhlaba uyakhukuliswa ngamanzi okanye uphaphatheke ngumoya.

**Masithethe** Thetha nomhlobo wakho ngeendlela abantu abanokwenza ngazo ukhukuliseko lomhlaba. Zama ukuphendula le mibuzo:

Kwenzeka ntoni xa sigeca imithi emininzi?

Kwenzeka ntoni xa sifuye iibhokhwe, iigusha okanye iinkomo ezininzi kakhulu?


**Masibhale** Jonga le mifanekiso. Thetha nomhlobo wakho ngento eyenzeka emhlabeni. Emva koko faka olu phawu (✔) kwimpendulo echanekileyo yombuzo ngamnye.

Ingaba ukhukuliseko lomhlaba lubangelwa

| | |
|---|---|
| ngumoya | |
| yimililo | |
| yimvula encinane kakhulu | |

Ingaba ukhukuliseko lomhlaba lubangelwa

| | |
|---|---|
| lilanga | |
| ngabantu | |
| ngumoya | |





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 6 2019/10/20 22:16:42

## Masifunde

**Izityalo zifuna umhlaba olungileyo ukuze zikhule**

Imithi nezityalo zifumana ukutya kwazo emhlabeni. Xa iintlobo ezahlukileyo zemithi nezityalo zikhula kunye, zithatha iintlobo ezahlukileyo zokutya emhlabeni kwaye umhlaba uhlala unempilo. Abalimi bayakwazi ukugcina umhlaba wabo usempilweni ngokulima izityalo ezisebenzisa iintlobo ezahluka-hlukileyo zokutya okusemhlabeni. Sinako ukugcina umhlaba ezitiyeni zethu usempilweni ngokugalela isivundisi kuwo.

Nawe ungazenzela isivundisi sakho. Isivundiso sondla izityalo. Nantsi iresiphi yesivundisi:

## Masenze

**Iresiphi yesivundisi**



**Uya kufuna oku:**

- amaxolo eziqhamo nawemifuno
- amagqabi afileyo nengca
- izingxobo zeti
- iphepha elikrazuliweyo
- amaqokobhe amaqanda
- ikhadibhodi

**Musa ukusebenzisa:**
iinkonkxa zetoti, iglasi, iplasitiki, intlanzi, inyama, ubisi okanye itshizi.


**Yintoni ekufuneka uyenze:**

- Beka ezi zinto zibe yimfumba ekoneni yeyadi esethunzini.
- Faka nentwana yomhlaba.
- Galela amanzi awaneleyo ukuze uyigcine ifumile imfumba (ingabi manzi kakhulu).
- Yivumbulule uyiguqule ngefolokhwe yesitiya qho ngeveki nganye okanye kwezimbini.
- Xa iba krumkrum kwaye iba mdaka ngakumbi ngebala, yombele emhlabeni esitiyeni sakho.
- Bukela ke ngoku izityalo zakho xa zikhula zomelele kwaye zisempilweni entle!

## Masibhale

Jonga imifanekiso uze ufake uphawu lokukorekisha kwizinto onokuzisebenzisa ukwenza imfumba yesivundisi. Yenza uphawu lukangxabalaza (✗) kwizinto ongafanelanga kuzisebenzisa.






# 36 Ukusebenza ngomhlaba

Masifunde

UDumisani nodadewabo uNtombi bafuna ukwenza isitiya. UNtombi ufuna ukulima imifuno kodwa uDumisani ufuna ukulima iintyatyambo. Okokuqala, kufuneka babone indawo elungileyo yokwenza isitiya. Ungakwazi ukubanceda? Jonga le mifanekiso uze ufake uphawu lokukorekisha (✔) kwibhokisi echanekileyo.








Yintoni elandelayo ekufuneka beyenzile? Landelelanisa kakuhle iinombolo kwimifanekiso emithathu engasezantsi.





Ngaba benza into elungileyo? Faka uphawu (✔) lokukorekisha kokuchanekileyo uze ufake uphawu lukangxabalaza (✘) kwizinto ezingalunganga.




XHO LS Gr2 B2_inside.indd 8 2019/10/20 22:16:48



## Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngokuba nesitiya semifuno kunye nemithi yeziqhamo ekhaya. Ingaba iyalondolozeka imali? Ingaba imifuno neziqhamo zinesongo esiphucukileyo? Kutheni? Ungalima eziphi iintlobo zeziqhamo nemifuno ekhaya? Zeziphi ezikhula kakuhle kwindawo ohlala kuyo? Jonga izitiya okanye iifama zalapho.


## Masibhale

Yenza uludwe lweentlobo ezahlukileyo zemifuno onqwenela ukuyilima. Ecaleni kohlobo ngalunye xela ukuba kutheni ufuna ukuyilima nje.

| | |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |

## Masenze

Jonga le mifanekiso uze uxelele umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni na kwisityalo seembotyi kumfanekiso ngamnye.





## Masishukume



- Mamela utitshala wakho ukuze xa esithi baleka, xhuma, yiwa okanye ngcileza wenze njalo kwangoko.
- Yima ngomlenze omnye. Ngoku tshintsha ume ngomnye.

Krwela umgca emhlabeni okanye beka umtya omfutshane phantsi.

- Hamba emgceni.
- Yolula iingalo zakho emacaleni ukuze ukwazi ukuxhathisa.
- Khawuzame ukwenza le nto ucimele.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 9 2019/10/20 22:16:51

# Uthutho emhlabeni: endleleni

Masifunde

Sisebenzisa iintlobo ezahluka-hlukileyo zothutho ukusuka kwindawo ethile ukuya kwenye naxa sisusa izinto ukusuka kwindawo ethile ukuya kwenye.

Zininzi iintlobo ezahluka-hlukileyo zothutho. Uninzi lwethu xa sithatha uhambo sihamba ezindleleni, kwimizila yoololiwe, nakwiindledlana zeenyawo. Sisebenzisa neenqwelo ezifana nezigadla kunye noololiwe ukuthutha izinto emhlabeni.

Masenze

Jonga imifanekiso. Yonke ibonisa iindlela ezahlukileyo zokusebenzisa iindlela kwezothutho. Krwela umgca wokutshatisa umfanekiso ngamnye negama elichanekileyo.






inqwelo yeedonki

isithuthuthu

ibhasi

ibhayisekile

imoto

isikuta

isigadla

itekisi






Masithethe Thetha nomhlobo wakho ukuze niphendule le mibuzo.

Uya njani esikolweni yonke imihla?

Uya njani eklinikhi?

Ubatyelela njani abahlobo okanye izalamane zakho?

Uya njani edolophini?

Umhla: ...............................

Masibhale

Bhala izivakalisi ezibini malunga nendlela oza ngayo esikolweni yonke imihla.

Gqibezela ezi zivakalisi.

Utitshala wam uza esikolweni nge ______________________________.

Ndiya eklinikhi nge ______________________________.

Xa ndisiya kwikhaya lomhlobo wam ndihamba nge ______________________________.


Masithethe

Usebenzisa iintlobo ezininzi zezithuthi xa usiya esikolweni? Abanye abantwana eklasini yakho basebenzisa eziphi iindlela zothutho?

Jonga le grafu uze uphendule imibuzo


Abantwana abaninzi beklasi yakho beza ngantoni esikolweni?

Bangaphi abantwana abeza ngeemoto esikolweni?





Masifunde


Ngoku uyazi ukuba kukho iintlobo ezahlukeneyo zezithuthi ezihamba emhlabeni. Kukho neentlobo ezahlukeneyo zeendlela, umzekelo:



- iindlela zomhlaba kunye
- neendlela zetha.



Ezinye iindlela ezidibanisa izixeko zibanzi ngokuphinda-phindwe kabini kunezinye iindlela. Ezo zibizwa ngokuba ngoohola bendlela, kwaye kubo kukho iileyini ezimbini kwicala ngalinye, zingade zibe ne izithuthi ezihamba ngexesha elinye. Uhola wendlela ufana nendlela enkulu kodwa wona unamacala amabini ohlukeneyo. Kuhola wendlela ukwazi ukuya kwicala elinye kuphela.



Masithethe

Wakha wahamba kuhola wendlela? Ingaba kuxhaphake iindlela zomhlaba okanye ezetha apho uhlala khona? Yeyiphi indlela ekhuselekileyo – uhola wendlela omacala mabini okanye uhola wendlela ocalanye? Ngoba kutheni?

Utitshala:
Sayina:
Umhla:



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 11 2019/10/20 22:16:57

# Uthutho emhlabeni: oololiwe

**Masifunde**

Uthutho ngendlela aluyondlela ekuphela kwayo yokuhamba emhlabeni. Sinako ukusebenzisa isiporo sikaloliwe. Iziporo ziindledlana ezenziwe ngentsimbi. Ezi ndlela kuthiwa yimizila kaloliwe. Oololiwe bahamba kule mizila. Bathwala abantu ukusuka kwidolophu ethile ukuya kwenye. Kuloliwe kukhwela



abantu abaninzi ngaphezu kwasemotweni okanye ebhasini. Uyakwazi ukuthwala izinto ezinzima nezininzi kunezo zithwalwa sisigadla.

**Masithethe**

**Jonga imifanekiso uthethe nomhlobo wakho ngeentlobo ezahlukileyo zoololiwe.**

Ngabaphi oololiwe abathutha abantu?

Ngabaphi oololiwe abathutha iimpahla?

Zeziphi izinto ezinokuthwalwa nguloliwe?

Uloliwe okhwelisa abantu kuphela kuthiwa nguloliwe wabahambi. Uloliwe olayisha iimpahla ngaphandle kwabantu kuthiwa nguloliwe weempahla okanye igutsi.



Uloliwe obaselwayo

Uloliwe osebenza ngombane





Uloliwe wedizili

Uloliwe obaleka kakhulu





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 12 2019/10/20 22:16:59

Umhla: ..............................

Masenze

Krwela umgca ohambelana nohlobo lukaloliwe ongasekunene ukuze iinkcukacha ezichanekileyo zibe ngasekhohlo.

| |
|---|
| Usebenzisa amandla edizili. |
| Usebenzisa amandla omphunga. |
| Nguloliwe obaleka ngamendu aphezulu anokufikelela kuma-200 km ngeyure. Uloliwe wokuqala onamendu aphezulu eMzantsi Afrika yiGautrain eseGauteng. |
| Usebenzisa umbane ovela kwiintambo zombane ezihamba ngasentla kwesiporo. |






Masenze

Yila uloliwe wakho umzobe kwesithuba usinikiweyo. Bonisa umhlobo wakho umfanekiso wakho.
Xoxani ngeemilo nangemibala.

Masibhale

Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Uloliwe wakho uluhlobo olunjani lukaloliwe? | |
| Kuyimalini ukukhwela uloliwe? | |
| Uhamba aphelele phi uloliwe wakho? | |

Phuma phandle

- Ngcileza, tsiba, xhuma-xhuma, xhumela phambili uze ume ngeenyawo zombini.
- Ngoku yenza ibala lemiqobo olenzelwe ngutitshala wakho. Kufuneka ugwencele, ukhase, utshibilize okanye uxhume ukusuka entweni ukuya kwelandelayo. Zama ukwenza oku uthwele ingxowa yeembotyi entloko.

Utitshala:
Sayina:
Umhla:



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 13 2019/10/20 22:17:02

# Uthutho ngomoya

## Masifunde

Ukuza kuthi ga ngoku ufunde ngeentlobo zezithuthi ezihamba emhlabeni. Siyakwazi nokuthatha uhambo emoyeni. Kukho iintlobo ezahlukeneyo zezithuthi ezihamba emoyeni. 1. Sisebenzisa iinqwelomoya xa sibhabhela kwiindawo ezikude.
2. Imoto ikwazi ukuhamba ngesantya esili-120 km ngeyure. 3. Uloliwe ohamba ngesantya esiphezulu unako ukuhamba ngesantya esingama-200 km ngeyure.
4. Inqwelomoya yona iyakwazi ukuhamba ngesantya esingama-955 km ngeyure! Iinqwelomoya neehelikhoptha zinee-injini ezomeleleyo kakhulu. Iibhaluni ezihamba ngomoya oshushu neziwuza azinazo ii-injini.
5. Iibhaluni ezikhwelwayo ezihamba ngomoya oshushu zona zibhajiswa ngumoya oshushu. Iziwuza zona zinamaphiko okuzigcina zisemoyeni. Abantu badla ngokusebenzisa iibhaluni ezikhwelayo ezihamba ngomoya oshushu kunye neziwuza xa bezonwabisa nakwezemidlalo.
6. Oosomajukujuku baya emajukujukwini ngesiphekepheke.

## Masenze


Krwela umgca osuka kumfanekiso ngamnye uye egameni elichanekileyo.

- ihelikopta
- inqwelomoya yabahambi
- Isiwuza
- Ibhaluni yomoya oshushu
- isiwuza esijingiswayo
- Isiphekepheke



## Masibhale

Yenza ngathi unyuka ngebhaluni yomoya oshushu. Ubona ntoni xa uphezulu? Bhala izinto ezintathu ozibonayo.




| |
|---|
| |
| |
| |

Umhla: ..............................

## Masithethe


USuzi nomnakwabo uNorman baza kutyelela abazala babo eRhawutini. Baza kubhabha ukusuka eKapa. Jonga imifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho malunga nento abayenzayo.




## Masibhale

Funda izivakalisi ezingezantsi. Ngoku jonga imifanekiso kwakhona uze ufake iinombolo kwizivakalisi ngokolandelelwano oluchanekileyo ukusuka ku-1 ukuya kwisi-8.

| | |
|---|---|
| | Kuveyishwa iibhegi zikaSuzi noNorman. |
| | USuzi noNorman basiwa ngabazali ngemoto kwisikhululo seenqwelomoya. |
| | Bafumana amatikiti abo okukhwela kwikhawuntala yoqwalaselo lokungeniswa. |
| | Umamkeli-bahambi weenqwelomoya usa uSuzi noNorman kwindawo eqwalasela ukhuseleko. |
| | USuzi noNorman banyuka ngamanqwanqwa ukuya kungena kwinqwelomoya. |
| | USuzi, uNorman nabazali babo baya kwikhawuntala yoqwalaselo lokungeniswa. |
| | Bahlala phantsi baze babophe amabhanti ezihlalo. |
| | Babulisa abazali ngezandla phambi kokuhamba. |






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 15 2019/10/20 22:17:03

# Uthutho ngamanzi

**Masifunde**

Indlela yokugqibela yothutho yeyamanzi. Abantu babesebenzisa amanzi xa behamba-hamba naxa bethutha izinto iminyaka emininzi. Sihamba ngolwandle xa sityelela amanye amazwe, kwaye sisebenzisa imilambo namachibi xa sisiya kwiindawo ezahlukileyo zamazwe ethu.

**Masibhale**

Sihamba njani emanzini? Jonga le mifanekiso ingezantsi uze uncokole nabahlobo bakho malunga neentlobo ezahlukeneyo zezithuthi esizisebenzisayo ukuhamba emanzini.




Ucinga ukuba abantu basebenzisa ntoni xa behamba emlanjeni omncinane? Basebenzisa ntoni abantu ukunqumla elwandle besiya kwelinye ilizwe? Ucinga ukuba abantu balisebenzisa xa besiya kude okanye kufuphi iphenyane lenjini?

**Masibhale**

Ngoku bhala isivakalisi esinye ngohlobo ngalunye lwephenyane nento elisetyenziselwa yona.

| |
|---|
| |
| |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 16 2019/10/20 22:17:05

Umhla: ...............................



## Masithethe

Thetha ngale mibuzo nomhlobo wakho.



- Loluphi uhlobo lwesithuthi olukulungeleyo? Kutheni ukhetha olu hlobo?
- Yeyiphi indlela yothutho eyiyeyona icotha kakhulu?
- Yeyiphi indlela yothutho eyiyeyona ikhawuleza kakhulu?
- Yeyiphi indlela yothutho lwendlela esetyenziswa ngutitshala wakho xa esiya esikolweni?
- Ungamsebenzisa phi ululiwe obaleka ngesantya esiphezulu eMzantsi Afrika?




## Masenze


Zoba umfanekiso wesithuthi osithanda kakhulu. Singaba yimoto, iphenyane, inqwelomoya okanye ibhayisekile. Unako nokuzoba ihashe.







## Phuma phandle





Dlala igusha nengcuka:

Yahlula abafundi ngokwamaqela amabini: iqela lokuqala ziingcuka, elinye ziigusha. Phawula "ubuhlanti" apho zigcinwa khona iigusha ezibanjiweyo. Akuba enze umqondiso othile utitshala, iingcuka zizama ukubamba iigusha. Iigusha ezibanjiweyo zifakwa "ebuhlanti". Ezinye iigusha zizama ukuvulela iigusha ezivalelweyo ngokuzichukumisa. Msinyane zakuchukunyiswa iigusha ezivalelweyo, zibuyela emdlalweni kwakhona.



# Okunye ngothutho lwasemanzini

**Masithethe** Jonga imifanekiso uze uthethe ngayo nomhlobo wakho.



Wawukhe wazibona izithuthi ezifana nezi?

Sesiphi esinako ukuhamba phantsi kwamanzi?

Ingaba akhona amagama owaziyo ezi ntlobo zezithuthi zasemanzini?





**Masifunde** Funda ezi zivakalisi zingezantsi, uze ujonge imifanekiso. Tshatisa iqela ngalinye lezivakalisi nomfanekiso. Bhala inombolo echanekileyo ecaleni komfanekiso


1. Iphonti okanye isikhitshana siwelisa abantu, iimoto nezinye izinto emlanjeni. Kukho iphonti elolu hlobo eMalgas eNtshona Koloni. Ikhwelisa iimoto nabantu ibawelise umlambo iBreede.



2. Inqanawa entywilayo inkwili ihamba ngaphantsi kwamanzi. Uninzi lweenqanawa ezintywilayo zinkulu kakhulu kwaye ziyakwazi ukuthwala abantu abaninzi. Ezona nqanawa zintywilayo zinkulu ziyakwazi ukuhlala ngaphantsi kwamanzi iinyanga ezininzi.



3. Abanye abantu bahlala kwizindlu zamaphenyane. Abakhenkethi abaya eholideyini kwiindawo ezifana neKariba eZimbabwe, banako ukuhlala kwindlu yephenyane bahamba-hambe echibini.





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 18 2019/10/20 22:17:10

## Masifunde

Ufunde ukuba oololiwe basebenzisa iintlobo ezahluka-hlukileyo zamandla ukuze bakwazi ukuhamba. Nawo amaphenyane asebenzisa iintlobo ezahluka-hlukileyo zamandla. Amanye amaphenyane asebenzisa amandla abantu. Kodwa akhona asebenzisa amandla epetroli okanye awomphunga. Maninzi amaphenyane asebenzisa amandla omoya.

## Masibhale

**Faka uphawu lokukorekisha kwiimpendulo ezichanekileyo zale mibuzo.**



| Isikhitshana esibhexeshwayo sisebenzisa oluphi uhlobo lwamandla? | |
|---|---|
| idizili | |
| abantu | |
| umoya | |



| Iphenyane lenjini lisebenzisa oluphi uhlobo lwamandla? | |
|---|---|
| umoya | |
| umphunga | |
| ipetroli | |




| Isikhephe esiqhutywa ngumoya sisebenzisa oluphi uhlobo lwamandla? | |
|---|---|
| umphunga | |
| umoya | |
| abantu | |




XHO LS Gr2 B2_inside.indd 19 2019/10/20 22:17:12

# Uthutho lukawonke-wonke

**Masithethe** Ingaba imoto yenqununu yakho sisithuthi sikawonke-wonke. Yintoni isithuthi sikawonke-wonke? Ukhona umntu onebhayisekile esisithuthi sikawonke-wonke? Ingaba ibhasi inako ukuba sisithuthi sikawonke-wonke?

**Masifunde** Isithuthi sikawonke-wonke sisithuthi esisetyenziswa nangubani na, kodwa kufuneka usihlawulele itikiti. Oololiwe, iibhasi, iinqwelomoya, iitekisi kunye nezikhitshane zingasetyenziswa njengezithuthi zikawonke-wonke.

**Masibhale** Zeziphi iintlobo zezithuthi zikawonke-wonke okhe wazisebenzisa? Yintoni ekufuneka ukuba uyenze phambi kokusebenzisa isithuthi sikawonke-wonke?

Abantu basisebenzisa xa kutheni isithuthi sikawonke-wonke?

**Masenze** Yenza uphando eklasini ngeentlobo ezahlukileyo zezithuthi zikawonke-wonke ezisetyenziswe ngabanye eklasini. Faka umbala kwibloko ekwitheyibhile engezantsi ngohlobo ngalunye lwezithuthi zikawonke-wonke olusetyenziswe ngumntu ngamnye.

Inani labantwana ofunda nabo

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 11 | | | | |
| 10 | | | | |
| 9 | | | | |
| 8 | | | | |
| 7 | | | | |
| 6 | | | | |
| 5 | | | | |
| 4 | | | | |
| 3 | | | | |
| 2 | | | | |
| 1 | | | | |
| | Itekisi | Ululiwe | Ibhasi | Inqwelomoya |









XHO LS Gr2 B2_inside.indd 20 2019/10/20 22:17:13

Umhla: ..............................





- Sebenzisa izinto ezisebenzisekayo kwakhona wenze inqwelo engasetyenziswa njengesikhongozeli sepenisile.
- Peyinta okanye uhombise inqwelo yakho.







Sikani imifanekiso yeentlobo ngeentlobo zezithuthi ezingezantsi kweli phepha okanye kwiphephandaba okanye kwimagazini. Ncamathelisani umfanekiso ngamnye kwindawo echanekileyo.















# Ukhuseleko endleleni

Masithethe

Abantu abasemfanekisweni baphula imithetho yendlela. Thetha nomhlobo wakho ngento abayenzayo engalunganga. Kutheni kufuneka sithobele imithetho yendlela nje?





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 22 2019/10/20 22:17:24

Umhla: ..............................



## Masifunde

Phantse yonke imihla sifunda okanye sive ngabantwana abatshayiswe yimoto endleleni eya esikolweni nokuba bahamba ngenyawo okanye ngebhayisekile. Ungaqinisekisa ukuba ukhuselekile endleleni ukuba uthobela imithetho yendlela.



### Imithetho yabahambi-ngeenyawo

- Phambi kokunqumla indlela, qho kufuneka ujonge ekunene nasekhohlo, uphinde ujonge ekunene ukuze uqiniseke ukuba akukho zimoto, zibhayisekile, zitekisi nazibhasi zizayo.
- Ukuba indlela iyaphithizela, khangela isitalato esinophawu oluthi yima okanye irobhothi kungenjalo indawo yokuwela abahambi ngenyawo enemigca.
- Xa kukho indawo enemigca emhlophe yokunqumla abantwana besikolo, sebenzisa yona. Ezo ziindawo ezikhuselekileyo zokunqumla indlela.
- Ungahambi phakathi endleleni. Hamba kwipheyivimenti. Ukuba ayikho, hambela kude kangangoko ezimotweni. Qho, hamba ngasekunene ukuze ubone izithuthi ezizayo.
- Musa ukudlala nayiphi imidlalo kufuphi nendlela.
- Qaphela kangangoko unako phambi kokunqumla kwindawo engena iimoto okanye emgaqweni ekujikwa kuwo.





### Imithetho yabantu abakhwele iibhayisekile

- Qiniseka ukuba yonke into ilungile kwibhayisekile yakho. Jonga amavili akho, iziqhoboshi, izinyathelo, itsheyina, iimpondo zokubambelela, ihutara kunye nezibane phambi kokuba ukhwele ibhayisekile yakho.
- Ebusuku okanye xa ukukhanya kuluzizi, kufuneka isibane esiqaqambileyo ngaphambili kwibhayisekile yakho, nesincamatheli esikhazimlayo ngasemva.
- Nxiba ihelimethi eyomeleleyo rhoqo xa ukhwele ibhayisekile. Iya kukukhusela entloko xa unokuwa okanye xa udibana nengozi. Umnqwazi wehelimethi ungabusindisa ubomi bakho.
- Xa kukho indledlana yeebhayisekile, sebenzisa yona kunendlela yeemoto.
- Yenza isicwangciso sokuya esikolweni.
- Sebenzisa eyona ndlela ikhuselekileyo, ingabi yeyona imfutshane nje kuphela.
- Sebenzisa imiqondiso echanekileyo necacileyo yezandla xa ubonisa ukujika.
- Ungaze uhambe ngebhayisekile ecaleni komnye umntu okhwele ibhayisekile – landelelanani omnye emva komnye ngalo lonke ixesha.






## Phuma phandle

Cela utitshala wakho akubonise indlela ekhuselekileyo yokuziqengqa uye phambili uphinde uye emva.








XHO LS Gr2 B2_inside.indd 23 2019/10/20 22:17:26

# Imithetho yendlela

**Masibhale** Phinda ujonge umfanekiso okwiphepha lama-22. Phendula ke ngoku le mibuzo.

| |
|---|
| Bangaphi abantu abaphula imithetho yendlela? |
| |
| Inkosikazi ephethe izingxobo yaphula owuphi umthetho? |
| |
| Intombazana ekhwele ibhayisekile yaphula imithetho emingaphi? |
| |
| Yeyiphi loo mithetho bayaphulayo? |
| |
| Kungenzeka ntoni exhegweni? |
| |
| Kufuneka wenze ntoni qho phambi kokunqumla indlela? |
| |


**Masithethe**

Iirobhothi zinezibane ezithathu.
Yeyiphi imibala yazo?

Ithetha ntoni le mibala?

Ngowuphi umbala ongasentla?

Ngowuphi umbala ophakathi?






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 24 2019/10/20 22:17:27

Umhla: ..............................




## Masenze

Faka imibala kwizibane zezi robhothi ukuze umbala uhambelane negama elingezantsi. Wakugqiba xela okuthethwa luphawu ngalunye lwendlela.






Faka uphawu lokukorekisha (✔) ebhokisini esecaleni kwerobhothi ebonisa ukuba kukhuselekile ukunqumla indlela.



☐

☐





## Phuma phandle

- Phosa ingxowa yeembotyi phezulu uze uyigange. Ngoku yiphosele phambili kangangoko unako.
- Sebenza nomhlobo wakho. Nikanani amathuba okuphosa nokuganga ibhola.
- Sebenzani ngokwamaqela. Jongani ukuba iqela lenu lingaphosela iingxowa zeembotyi ezingaphi ebhasikitini kwimizuzwana engama-60.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 25 2019/10/20 22:17:28

45

Ikota 3 – Iveki 7

# Oolindela besikolo

Masithethe

Jonga emfanekisweni uze uthethe nomhlobo wakho ngawo.

- Yintoni ulindela wesikolo?
- Ubanceda njani abafundi?
- Ubaluleke ngantoni kuwe?




Masibhale Phendula le mibuzo.

| |
|---|
| Ingaba kulungile ukuba abafundi banqumle indlela bebodwa? |
| |
| Kutheni ucinga njalo nje? |
| |
| Babakho nini oolindela besikolo? |
| |
| Umbona njani umntu olilungu loolindela besikolo? |
| |
| Oolindela besikolo bazimisa njani izithuthi? |
| |
| Babanqanda njani abafundi ukuba bangayinqumli indlela? |
| |


Umhla: ..............................




UDumisani nomama wakhe baya elayibrari ngeenyawo. Endleleni, babona iimpawu zendlela. Ithetha ntoni? Tshatisa uphawu ngalunye nentsingiselo yalo.





Abavumelekanga abahamba ngeenyawo.

Kukho uphawu oluthi YIMA.

Abahamba ngeenyawo banganqumla.

Ilayibrari

Kukho indawo ezinqumlana kuyo iindlela.

Ngabahamba ngeenyawo kuphela abavumelekileyo.













UNtombi notata wakhe bahamba ngemoto ukuya edolophini ukuya kuthenga izinto ezithile. Babona ezi mpawu zendlela. UNtombi ubuza utata wakhe ukuba zithetha ntoni. Wena uyazazi ukuba zithetha ntoni? Sebenza nomhlobo wakho nibhale phantsi afanele ukukwenza utata kaNtombi xa ebona ezi mpawu kwakhona. Ukuze ujonge ukuba iimpendulo zakho zichanekile na, gqwetha incwadi uyijongise ezantsi.




1


2


3


4




Iimpendulo:
(1) Yima kuphawu lwendlela (2) Musa ukungena apha. (3) Akuhanjwa apha.
(4) Akuvumelekanga ukugqitha kwimoto ephambi kwakho



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 27 2019/10/20 22:17:34

# Asinceda njani amagosa endlela?

Masithethe Jonga umfanekiso uze uphendule imibuzo.

Hlobo luni lwepolisa olu?

Wazi ntoni ngamagosa endlela?



Masibhale Ngoku phendula le mibuzo.

| |
|---|
| Lenza ntoni igosa lendlela? |
| |
| |
| Lingakunceda njani igosa lendlela? |
| |
| |
| Ucinga ukuba yintoni unobangela wokuba le moto yamapolisa ipakwe ngolu hlobo? |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 28 2019/10/20 22:17:36

Umhla: ..............................

Masithethe Jonga emfanekisweni uze uthethe nomhlobo wakho ngawo.



Masibhale Phendula le mibuzo.


| Yintoni engalunganga eyenziwe ngumqhubi wemoto ezuba? |
|---|
| |
| Ucinga ukuba kufuneka lenze ntoni ipolisa eliligosa lendlela? |
| |

Masenze Sebenzisa iikawusi ezindala ukwenza iiphaphethi zezandla. Wena nomhlobo wakho ningasebenzisa ezi phaphethi nibonise umkhweli bhayisekile owela iirobhothi zibomvu. Omnye wenu makabe ngumkhweli bhayisekile omnye abe ligosa lendlela




Phuma phandle

1. Balekani niqqibe yonke indawo enifuna ukuba kuyo ebaleni lokudlala.
   - Xa utitshala wenu esithi yekani, yimani ngxi kanye apho nikhoyo.
2. Utitshala wenu uza kunahlula ngokwamaqela.
   - Niza kwenza uqqatso lonikezelwano, irileyi.
   - Iqela eliphumelela kwimidyarho emininzi lilo eliphumelelayo.





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 29 2019/10/20 22:17:37




Ikota 3 – Iveki 8

# Abanye abantu abasincedayo



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho malunga nabantu abanokukunceda kwindawo ohlala kuyo.



Masenze

Krwela umgca utshatise imifanekiso engasekunene kunye nezivakalisi ezingasekhohlo.

Ndincedisa abantu elayibrari ukuba bathathe iincwadi okanye bafumane ulwazi. Ngamanye amaxesha ndibalisela abantwana amabali.

Ndiyazithanda izilwanyana. Ndinceda izilwanyana ezigulayo okanye ezonzakeleyo.

Ndiniphathela iileta zenu ezivela eposini ndizifake ebhokisini yenu yeposi ekhaya.

Ndiyakunceda xa uqaqanjelwa lizinyo. Ndikubonisa indlela yokugcina amazinyo akho esempilweni entle.

Ndinceda abantwana nabantu abadala abagulayo. Ndibanika amayeza nezitofu ukuze kuphucuke imeko yabo.


Ndiqinisekisa ukuba izitalato zicocekile. Qho ngeveki, ndiza ngelori yenkunkuma ukuza kususa inkunkuma ekhayeni lakho.
















XHO LS Gr2 B2_inside.indd 30 2019/10/20 22:17:39

Umhla: ..............................




Masenze

Zoba apha umfanekiso womntu owenza uhlobo lomsebenzi ofuna ukuwenza.



Ngowuphi umsebenzi wena onokuthanda ukuwenza wakugqiba ukufunda? Xela ukuba kutheni ufuna ukwenza lo msebenzi nje.





Phuma phandle



- Bambelela kwileli yabantwana yokujima uze uzityhale uye phambili ubambelele.
- Wena nomhlobo wakho yenzani ikiliva. Jongani ukuba niza kude niyokufika phi na.
- Utitshala wakho uza kudlala umculo. Ukwenza uzive njani lo mculo? Uyonwabisa, uyangxunguphalisa okanye ukwenza uzole.








XHO LS Gr2 B2_inside.indd 31 2019/10/20 22:17:42

# Umsebenzi olungileyo ekuhlaleni

Masenze

Krwela umgca osuka kuhlobo lomsebenzi ongasekhohlo uye kwigama elihambelana nawo ngasekunene.

| | |
|---|---|
| umthengisi weentyatyambo | incwadi |
| umcimi-mlilo | isikere |
| ugqirha | ukutya |
| umpheki | iintyatyambo |
| umthungi | amayeza |
| utitshala | inqwelo yabacimi-mlilo |
| umlungisi weenwele | abafundi |
| umbhali | iimpahla |

Masifunde

Namhlanje uNorman ubenosuku oluxakeke kakhulu. Uqale ngokuya kwithala leencwadi ukuya kukhangela incwadi emalunga nomdlalo weqakamba. Ucele unoncwadi ukuba amncede. Emva koko uye waya eposini ukuya kuthenga izitampu. Endleleni ebheka ekhaya uye wadlula eklinikhi ukuya kuthatha amayeza kamakhulu wakhe. Uye wadlula kwiqela lebhola ekhatywayo lengingqi wabuza umphathi walo ukuba unini na umdlalo olandelayo. Umphathi weqela uye wamxelela ukuba aye kujonga kwibhodi yezaziso. Ekugqibeleni, ude wafika kowabo uNorman, akufika wafumanisa ukuba indlu izaliswe ngamanzi. Kuye kwafuneka afowunele umtywini mibhobho kuba umbhobho wasendlwini yokuhlambela wawugqabhukile.

Masibhale

Funda le mibuzo uze ube nomfanekiso-ngqondweni kaNorman ucinge ukuba ubeza kuthini kumbuzo ngamnye uze ubhale phantsi.

Ngoobani abantu abane abaye banceda uNorman namhlanje?

UNorman uye wathini kunoncwadi?



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 32 2019/10/20 22:17:44


Umhla: ..............................

| UNorman uye wathini kusokhemesti? |
|---|
| |
| UNorman uye wathini kumphathi weqela lebhola ekhatywayo ebaleni? |
| |
| Uye wathini uNorman kumtywini mibhobho? |
| |
| Uye wathini uNorman eposini? |
| |



Masenze

Jonga imifanekiso. Ibonisa uNorman esenza yonke imisebenzi yakhe, kodwa ixuba-xubene. Yifake iinombolo ngokokulandelelana kwayo.







Masenze

Xa ilithuba lakho, utitshala wakho uza kukuvumela ukuba uthathe iphepha ebhokisini. Jonga igama elisephepheni kodwa ungalibonisi mntu. Uza kubona igama lohlobo lomsebenzi. Ngoku bonisa iklasi ukuba luhlobo luni na lomsebenzi olu ngokuthi uwulinganise kodwa ungathethi. Abanye abafundi mabafumanise uhlobo lomsebenzi obabonisa wona.






Phuma phandle

- Phosa ibhola yentenetya phezulu uze uyigange. Yiphose kwakhona, phezulu kunakuqala, uze uyigange. Yiphosele phezulu kakhulu, uyibambe.

Utitshala wakho uya kukunika isazinge sokudlala.

- Beka isazinge sokudlala emhlabeni. Qakathisa ibhola ngaphakathi kwesazinge sokudlala ngesandla sakho sasekunene ukuze uyibambe ngesandla sakho sasekhohlo. Ngoku tshintsha izandla. Hamba ujikeleze isazinge ngaphandle ubhampisa ibhola ngaphakathi. Qala ukwenze oku ngesandla esithile, uze utshintshele kwesinye. Yima ngaphakathi kwesazinge uze ubhampisa ibhola ngaphandle kwesazinge usijikeleze.
- Hamba gosogoso phakathi kwezinto ezibekiweyo ngeli lixa ubhampisa ibhola yentenetya.



# Ilizwe lethu, uMzantsi Afrika

Masenze

Jonga imephu yaseMzantsi Afrika. Beka uphawu lukangxabalaza (✗) emephini kwiphondo ohlala kulo. Ukuba uhlala kwenye yeedolophu okanye kwisixeko esikhoyo emephini sibiyele ngesangqa. Ukuba uhlala kwenye indawo beka uphawu lukangxabalaza emephini apho ucinga ukuba uhlala khona.







XHO LS Gr2 B2_inside.indd 34 2019/10/20 22:17:46

Umhla: ..............................



Masibhale Jonga imephu kwakhona uze uphendule le mibuzo.

| Uhlala kweliphi iphondo? |
| --- |
| |
| **Yintoni igama lendawo ohlala kuyo?** |
| |
| **Ngawaphi amaphondo akufutshane kwiphondo ohlala kulo?** |
| |
| **Xa abantu abavela kwezinye iindawo betyelela iphondo lakho, bafuna ukubona ntoni?** |
| |




Masibhale Cingela xa ubuza kutyelela amanye amaphondo amabini. Ngawaphi amaphondo ofuna ukuwatyelela? Bhala into ibe nye okanye zibe mbini ofuna ukuzibona kwiphondo ngalinye.

| Igama lephondo | Izinto ofuna ukuzibona |
| --- | --- |
| | |
| | |
| | |

EMzantsi Afrika, kukho iilwimi ezilishumi elinanye ezisemthethweni. Bhala amagama eelwimi ezine kwezo. Ingaba wena nabahlobo bakho niyazithetha ezi lwimi? Bhala amagama abo ecaleni kweelwimi abazithethayo.

| | Ulwimi olusemthethweni | Abantu endibaziyo abaluthethayo |
| --- | --- | --- |
| 1. | | |
| 2. | | |
| 3. | | |
| 4. | | |







XHO LS Gr2 B2_inside.indd 35 2019/10/20 22:17:46

# IFlegi yeSizwe




UMzantsi Afrika wafumana iflegi entsha ngomhla wama-27 kwekaTshazimpuzi 1994. Yiflegi yethu yesizwe kuba yeyelizwe lethu. Yifake imibala. Sebenzisa le mibala kwiinombolo ezisemfanekisweni:

| | |
|---|---|
| 1 = obomvu | |
| 2 = oluhlaza | |
| 3 = omthubi | |
| 4 = omhlophe | |
| 5 = ozuba | |
| 6 = omnyama | |







Thetha nomhlobo wakho ngeendawo onokubona kuzo iflegi yaseMzantsi Afrika.

Ikhona iflegi yaseMzantsi Afrika esikolweni sakho?

Ingaba zikhona ezinye iindawo ekuhlaleni apho ubona khona iflegi?

Ingaba isikhululo sakho samapolisa sinayo iflegi?




Iflegi yesizwe siyibona kweziphi iziganeko? Bhala ezinye iziganeko ezi-3 okanye ezi-4 apho iflegi yesizwe iphetshezeliswa khona.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 36 2019/10/20 22:17:49

Umhla: ..............................

## Masibhale

Funda ezi zivakalisi. Fakela uphawu lokukorekisha (✔) ukuba isivakalisi siyinyaniso nonongxabalaza (✘) xa singeyonyaniso.

| | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Iflegi yayiqala ukubhajiswa ngomhla wama-27 kwekaTshazimpuzi 1994. | | |
| Mibini imibala eseflegini. | | |
| UMzantsi Afrika usoloko unale flegi inye ukususela ngomhla wama-27 kwekaTshazimpuzi 1994. | | |
| Unako ukuyibona iflegi kwisikhululo samapolisa. | | |

## Masithethe

Jonga umfanekiso. Thetha nomhlobo wakho ngokwenziwa ngabadlali bebhola ekhatywayo emfanekisweni.




## Phuma Phandle

Yenzani isangqa nibambane ngezandla.

- Phala ndaweninye.
- Tsiba amanyathelo alishumi ubuye umva.
- Ngcileza amatyeli amathandathu ngonyawo ngalunye.
- Thatha amanyathelo amathathu uye ngasekhohlo uze uphinde uthathe amanye amanyathelo amathathu uye ngasekunene.
- Hamba ngecala uphithanise imilenze.
- Yima!

**Inqaku likatitshala:**
Bonisa imiyalelo koonotsheluza.





# Umhobe wesizwe nembasa yesizwe

**Masifunde**

Sinomhobe wesizwe omnandi. Igama lawo lithi "Nkosi Sikelel' iAfrika", ngesiNgesi kuthiwa "God bless Africa". Iivesi ezintathu zokuqala zikwisiXhosa, isiZulu neSesotho. Iivesi zokugqibela ezimbini zingesiBhulu nangesiNgesi.

**Masicule** Nanga amazwi kaNkosi sikelel' iAfrika. Uyakwazi ukuwacula? Masizame.

| | Amazwi omhobe | Umhobe ngesiNgesi |
|---|---|---|
| ngesiXhosa | Nkosi sikelel' iAfrika<br>Maluphakanyisw' uphondo lwayo, | Lord, bless Africa<br>May her spirit rise, |
| ngesiZulu | Yizwa imithandazo yethu,<br>Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo. | Hear our prayers,<br>Lord bless us, her children. |
| ngesiSotho | Morena boloka setjhaba sa heso,<br>O fedise dintwa le matshwenyeho,<br>O se boloke, O se boloke setjhaba sa heso,<br>Setjhaba sa, South Afrika – South Afrika. | Lord, we ask that our nation be protected,<br>That all conflicts are ended.<br>Protect us, protect our nation,<br>our nation, South Africa,<br>South Africa. |
| ngesiAfrikaans | Uit die blou van onse hemel,<br>uit die diepte van ons see,<br>Oor ons ewige gebergtes<br>waar die kranse antwoord gee, | Ringing out from our blue heavens,<br>From our deep seas breaking round,<br>Over ever-lasting mountains,<br>Where the echoeing crags resound |
| ngesiNgesi | Sounds the call to come together,<br>And united we shall stand,<br>Let us live and strive for freedom<br>In South Africa our land. |  |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 38 2019/10/20 22:17:55

Umhla: ..............................

**Masibhale**

Abantu bawucula xa kutheni umhobe wesizwe? Fakela uphawu lokukorekisha (✔) xa siyinyaniso isivakalisi okanye ungxabalaza (✘) xa singachanekanga.

| | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Abantu bacula uMhobe weSizwe ecaweni. | | |
| Iqela laBafana Bafana licula uNkosi Sikelela phambi kokudlala umdlalo. | | |
| Siwucula esikolweni uMhobe weSizwe. | | |

**Masifunde**

Xa umntu ebona intsayino magama akho (indlela ethile osayina ngayo igama lakho) eleteni, bayazi ukuba ivela kuwe ileta leyo. IMbasa yeSizwe ifana nomtyibelo welizwe. Xa sibona iMbasa yeSizwe sethu encwadini okanye kwingxelo siyazi ukuba ivela kurhulumente waseMzantsi Afrika. IMbasa yeSizwe sethu inemifanekiso emininzi kuyo. Ingulowo nalowo unentsingiselo yohlobo olulodwa.




**Masithethe**

Thetha nomhlobo wakho ngokuba ubuyibone phi iMbasa yeSizwe. Ungakwazi ukubonisa umhlobo wakho iMbasa yeSizwe ngoku?

**Masibhale**

Bhala ezinye iindawo ezi-2 okanye ezi-3 apho ubone khona iMbasa yeSizwe sethu.

| |
|---|
| |
| |

Utitshala:
Sayina:
Umhla:



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 39 2019/10/20 22:17:56

# Amagugu esizwe

## Masifunde


Jonga imifanekiso. Umfanekiso ngamnye umele amagugu esizwe saseMzantsi Afrika. Uphawu ngalunye lumela into ethile. Zonke ezi mpawu zimele izinto ezithile zaseMzantsi Afrika.

## Masibhale

Bhala isihloko kumfanekiso ngamnye weempawu zethu zesizwe ezilapha ngezantsi. Sebenzisa enye yezi zilandelayo:


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| iBhadi | intlanzi eyiGaljoen | umKhoba | iNdwe | isiQwane |











## Masenze


Peyinta enye yezi mpawu. Xoxa ngombala, imvakalo kunye nokumila.



Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi. Sebenzisa la magama.





isiQwane




umKhoba

ibhola yombhoxo



intlanzi





iisenti ezintlanu

5

ntlanu

isilwanyana

Intyatyambo yesizwe sethu ______________________________.

Umthi wesizwe sethu ______________________________.


IBhadi ______________________________ sesizwe sethu.

Intaka yethu yesizwe ikukhozo lwemali ______________________________.

Isilwanyana sesizwe sethu sikwijezi yeqela lethu ______________________________.

Kukho iilwimi ezi ______________________________ kumhobe wesizwe sethu.


IGaljoen yi ______________________________ yesizwe sethu.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 41 2019/10/20 22:18:00

# Iindlela ezahlukeneyo zonxibelelwano



Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngazo zonke iindlela ezahluka-hlukeneyo zokunxibelelana ozibona emfanekisweni.

Masifunde

Ukuthetha yindlela yokunxibelelana esiyazi sonke. Siyakwazi ukunxibelelana ngokubhala. Maxa wambi sinxibelelana ngaphandle kolwimi. Jonga imifanekiso kwiphepha elilandelayo. Umfanekiso ngamnye unento osixelela yona ungasebenzisanga ntetho.



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 42 2019/10/20 22:18:03


Umhla: ................................


Masibhale

Kwizithuba ezisezantsi kwemifanekiso, bhala oko umfanekiso ngamnye unxibelelana nathi ngako.









Masenze

Funda ezi zivakalisi zisezibhokisini.

Hlala ecaleni kwam.

Andazi.

Ndiyacaphuka.

Yizani apha.

Thulani.

Hayi.

Ewe.

Singaxelela umntu ngazo zonke ezi zinto ngaphandle kokuthetha. Nikanani amathuba nomhlobo wakho nibonisane ngendlela esinxibelelana ngayo.

Masifunde

Xa uthetha nomntu ngefowuni, kufuneka ukhumbule ukuba akakuboni. Xa usebenzisa izandla okanye ubuso bakho, akanakuyibona into oyithethayo. Kodwa unako ukusebenzisa ilizwi lakho, kuba uyakwazi ukuva ilizwi lakho. Unako ukulenza livakale linovuyo okanye lilusizi ukuze bakuve onxibelelana nabo ngako.

Masenze

Nikanani amathuba nithethe ezi zivakalisi nomhlobo wakho. Bonisa indlela oziva ngayo ngobuso bakho, ngezandla nangelizwi.


| Thetha isivakalisi | Uvakalelo |
| --- | --- |
| Utata wam undise elayibrari. | uvuyo |
| Siye edolophini ngetekisi. | uvuyo |
| Bendihleli ekhaya ngoMgqibelo. | ukucaphuka |
| Umakhulu ubuyela ekhaya. | usizi |
| Bekukho ingxolo enkulu. | ukoyika |
| Namhlanje kungoLwesine. | uvuyo |







Ngoku thetha izivakalisi kwakhona. Kweli xesha sebenzisa ilizwi lakho KUPHELA ukubonisa iimvakalelo.






# 54 Ukunxibelelana ngokubhala nangamazwi ethu




Sisebenzisa ukubhala kwiintlobo ezahlukileyo zokunxibelelana. Jonga imifanekiso uze ubhale ileyibhile echanekileyo ezantsi komfanekiso ngamnye. Sebenzisa elinye lala magama alandelayo.


| i-SMS | i-imeyile | ileta | ifekisi | iposikhadi |
|---|---|---|---|---|




Yenza ngathi useholideyini kwidolophu ongazange waya kuyo ngaphambili. Bhalela umhlobo wakho iposikhadi ngako konke okuboniley o nokwenzileyo.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 44 2019/10/20 22:18:07

Umhla: ..............................

Masenze Ngoku sebenza nomhlobo wakho.



- Hlalani umqolo womnye uthi nca kowomnye nenze ngathi nithetha ezifowunini.
- Nikanani amathuba nithetha ngeholide yenu.
- Sebenzisa ilizwi lakho uvakalise indlela oziva ngayo.

Masithethe Jonga umfanekiso uze utheth
bantwana bawasebenzisa njani amazwi abo? Thetha ngezinye iindlela zokusebenzisa ilizwi ukuze unxibelelane nabanye ngezimvo.






Phuma phandle

Masidlale ibhola yeqakamba

- Zahluleni ngokwamaqela amabini.
- Khethani iqela eliza kubetha ibhola neqela eliza kubhowula lize lichole ibhola ebaleni.
- Uyayazi imithetho yokudlala ibhola yeqakamba? Ukuba akuyazi, uza kukunceda utitshala wakho.







XHO LS Gr2 B2_inside.indd 45 2019/10/20 22:18:08

# Ezinye iindlela zokunxibelelana

Masenze

Uyayazi indlela ehanjwa yiposikhadi yakho ukuze ifike kumhlobo wakho? Funda ezi nkcazelo zamanyathelo ale ndlela. Jonga imifanekiso. Faka iinombolo ukuze ihambelane namanyathelo akwinkcazelo.









1
Ubhala iposikhadi yakho.

2
Uthenga isitampu usincamathelise kwiposikhadi yakho.

3
Uposa iposikhadi yakho kwibhokisi yeposi.


4
Iveni yeposi iyisa eposini iposikhadi yakho.


5
Eposini, iposikhadi yakho iyahlelwa ize ibekwe nenye iposi eya kwidolophu enye nayo.

6
Ngoku iposikhadi yakho ithunyelwa ngololiwe okanye ngenqwelomoya kwiposi yaloo dolophu.

7
Unoposi uyilanda eposini ayise kwikhaya lomhlobo wakho.











XHO LS Gr2 B2_inside.indd 46 2019/10/20 22:18:10


Umhla: ...............................



Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngawo. Zingaphi iindlela ezahluka-hlukenenyo onokuzifumana zokunxibelelana nabanye?




Masibhale

Jonga umfanekiso kwakhona uze uphendule le mibuzo.

| |
|---|
| Bangaphi abantu abanento abayifundayo? |
| |
| Yintoni esinokuyifundela ulonwabo? |
| |
| Yintoni esinokuyifunda yonke imihla ukuze sifumanise okwenzeka elizweni lethu? |
| |






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 47 2019/10/20 22:18:12


# Unxibelelwano ngezibhengezo nangomculo




Izaziso nazo ziyenye yeendlela zokunxibelelana. Yila eyakho ipowusta yokwazisa ngesiselo seziqhamo esitsha. Bandakanya oku kulandelayo kwipowusta yakho:

- Igama lesiselo seziqhamo
- Ixabiso lesiselo seziqhamo
- Umfanekiso weziqhamo
- Inkcazelo yesiselo seziqhamo
- Inkcazelo yabantu abanokusithanda esi siselo seziqhamo
- Indawo abanokusithenga kuyo isiselo seziqhamo

Bonisa abahlobo bakho nize nixoxe ngemibala kunye neemilo ozisebenzisileyo.





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 48 2019/10/20 22:18:13

## Masithethe



- Thetha nomhlobo wakho ngendawo oza kuxhoma kuyo ipowusta yakho.
- Ufuna ukuqiniseka ukuba baninzi abantu abayibonayo.


## Masenze

Umculo nawo yenye indlela yokunxibelelana. Thetha nomhlobo wakho ngeentlobo ezahlukiley zeengoma ozaziyo.



- Nikanani amathuba okucula ingoma enonwabisayo.
- Ngoku culani ingoma yokuhamba.
- Kutheni iyingoma elungileyo efanele ukuhamba?
- Ucula nini esikolweni?
- Cula ingoma eyiyeyona uyithandayo.
- Xelela umhlobo wakho ukuba kutheni uyithanda nje.

## Phuma phandle



Zahluleni ngokwamaqela ezine.

Niza kwenza ugqatso lonikezelwano, irileyi.


Imbaleki yokuqala kwiqela ngalinye inentongana.

Xa utitshala eninika umyalelo wokubaleka, iimbaleki zokuqala zibaleka ziye kwezesibini zizinike intongana.

Iimbaleki zesibini zibaleka ziye kunika ezesithathu.

Iimbaleki zesithathu zibaleka zinike iimbaleki zesine iintongana.

Zona zibaleka ziyokufika entanjeni.



# Sinxibelelana njani xa singeva ngeendlebe?

**Masenze** Sisebenzisa iindlebe zethu xa sinxibelelana. Zoba umfanekiso obonisa umntu omameleyo. Bonisa oku akumameleyo.

**Masibhale** Phendula le mibuzo.

| |
|---|
| Uyathanda ukumamela unomathotholo? Xela ukuba kutheni. |
| |
| Loluphi ulwazi onokulufumana kunomathotholo? |
| |
| Wenzani umsasazi kanomathotholo? |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 50 2019/10/20 22:18:18

Umhla: ...............................



Masenze


Yenza ngathi ufunda iindaba kunomathotholo. Sebenzisa ilizwi lakho ukuze utsale umdla wabaphulaphuli. Sebenzisa la magama:

| umfundi webanga lesi-2 | iindlela ziphithizela kakhulu |
|---|---|
| iiholide zezikolo | izaqhwithi nezikhukula |
| aBafana Bafana | ibhaso leMathematika |



Masifunde

Abantu abakhubazekileyo bakholisa ukufumanisa iindlela ngeendlela zonxibelelwano. Umzekelo, abantu abaninzi abangevayo ngeendlebe abakwazi ukuthetha. Basebenzisa izandla xa bethetha nabanye abantu. Olu lwimi sithi luLwimi lwezandla. Imiqondiso eyahlukileyo ineentsingiselo ezahlukileyo. Zama ukuxela igama lakho ngolwimi lwezandla. Ngoku sebenzisa ulwimi lwezandla ukuze ubulise umhlobo wakho.







Masibhale

Zihlole ngokubhekiselele emsebenzini wangaphambili. Funda imibuzo wenze uphawu lokukorekisha (✔) okanye ungxabalaza (✘) kwibhokisi echanekileyo.

| Ukuzihlola | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Bekulula ukubonisa igama lam ngolwimi lwezandla. | | |
| Ndikwazile ukuqonda ulwimi lwezandla lwabahlobo bam. | | |
| Ndikonwabele ukunxibelelana ngolwimi lwezandla. | | |






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 51 2019/10/20 22:18:20

# Sinxibelelana njani xa singaboni?



Masenze

Cimela ucinge ngezinto ongenakuzenza xa ungaboni.
Ungakwazi ukufunda incwadi?
Ungakwazi ukubhala?
Uyambona umhlobo wakho xa encumile?
Unxibe ntoni umhlobo wakho namhlanje?
Vula amehlo uqwalasele. Ubunyanisile okanye uphosisile?



Masifunde

Abantu abaziimfama ababoni, basebenzisa i-alfabhethi yeBreyile xa befunda okanye bebhala.
I-alfabhethi yeBreyile isebenzisa amaqhuqhutya onokuweva ephepheni ngeminwe yakho. Xa abantu abayaziyo iBreyile bebalekisa iminwe kula maqhuqhutya, bafunda amagama ngeminwe yabo.
I-alfabhethi yeBreyile yaqanjwa yindoda eyayibizwa ngokuba nguLouis Braille, owayengaboni.




XHO LS Gr2 B2_inside.indd 52 2019/10/20 22:18:21

Umhla: ..............................



**Masifunde** Jonga i-alfabhethi yeBreyile.

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| ⠁ | ⠃ | ⠉ | ⠙ | ⠑ | ⠋ | ⠛ | ⠦ | ⠊ |
| A | B | C | D | E | F | G | H | I |
| ⠴ | ⠅ | ⠇ | ⠍ | ⠝ | ⠕ | ⠏ | ⠟ | ⠗ |
| J | K | L | M | N | O | P | Q | R |
| ⠎ | ⠞ | ⠥ | ⠧ | ⠺ | ⠭ | ⠽ | ⠵ | |
| S | T | U | V | W | X | Y | Z | |





**Masenze** Bhala igama lakho ngeBreyile.


| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | | | | | |

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | | | | | |



**Masibhale** Zihlole ukuba uqhube njani kumsebenzi ongaphambili. Funda imibuzo uze wenze uphawu lokukorekisha (✔) okanye ungxabalaza (✘) kwibhokisi echanekileyo.

| Ukuzihlola | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Ndikwazile ukubonisa igama lam ndisebenzisa ulwimi lwezandla. | | |
| Ndiye ndakwazi ukubhala igama lam ngobhalo lweBreyile. | | |






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 53 2019/10/20 22:18:23

# Imini nobusuku

**Masithethe** Jonga le mifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo.




**Masibhale** Phinda ujonge imifanekiso uze uphendule le mibuzo.

| |
|---|
| Ubusuku bukowuphi umfanekiso? |
| |
| Xela ukuba kutheni usitsho nje. |
| |
| Elona xesha ulithandayo – lelasemini okanye lelasebusuku? Xela ukuba kutheni usitsho nje. |
| |
| Singakhanyisa ngantoni xa kumnyama? |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 54 2019/10/20 22:18:24

Umhla: ..............................



**Masithethe**

Jonga imifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo. Ifuna ntoni itotshi ukuze isebenze? Kufuneka wenze ntoni ukuze ikhanyise ithotshi?










**Masibhale**

Faka iinombolo kule mifanekiso ngokulandelelana kwayo ukuze ubonise okwenziwa nguRefiloe ukususela ngexesha lesidlo sasebusuku ade aye kulala.















Ngoku khetha inkcazelo ngomfanekiso ngamnye kuludwe olukwitheyibhile. Bhala inombolo yomfanekiso ochanekileyo ecaleni kwenkcazelo.

| | |
|---|---|
| Udiniwe kwaye ukhawuleze walala. | |
| Uyahlamba. | |
| URefiloe nosapho lwakhe bayakuthanda ukuthetha, batye isidlo sangokuhlwa kunye baze babaliselane amabali ngokuhlwa. | |
| Ngoku lixesha lokuba uRefiloe aye kulala. | |
| Uhlamba amazinyo. | |
| Emva kwesidlo sasebusuku bonke bancedisa ngokuhlamba izitya nokuqoqosha ekhitshini. | |






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 55 2019/10/20 22:18:28

Umhla: ..............................



**Masibhale**

Abanye abantu bathi xa ubona inkwenkwezi ebinzayo, ungaxela umnqweno wakho. Yenza ngathi ubone inkwenkwezi ebinzayo, uze ubhale phantsi umnqweno wakho.


Ndinqwenela . . . .

Ndingathanda ukuphupha . . . .




**Masenze**

Zoba umfanekiso wakho waxa ulele.



**Uya kufuna oku:**


- naluphi uhlobo lwepeyinti
- ibhrashi yepeyinti
- amanzi asejagini okanye ekomityini okucoca ibrashi yakho yokupeyinta
- iphepha elimhlophe



**Ofanele ukukwenza:**

Songa iphepha elikhulu phakathi, phinda ulivule. Kwelinye icala lomphetho, zipeyinte unxibe impahla yokulala. Ngoku songa iphepha phakathi kwakhona uze ulihlikihle ngesandla sakho. Xa ulivula kwakhona iphepha ubona iwele lakho kwelinye icala.








**Phuma phandle**

Zifudumeze: nyikinya amagxa akho, yekelela iingalo, vuthulula izandla. Jiwuzisa ingalo yakho yasekunene iye ngaphambili ijikeleze. Kwenze oku amaxa amathandathu. Ngoku phinda wenze oko ngengalo yakho yasekhohlo. Jiwuzisela ingalo yakho yasekunene ngasemva amaxesha amathandathu.

Ngoku phinda wenze oko ngengalo yakho yasekhohlo. Jiwuzisela zombini iingalo zakho ngaphambili amaxa amathandathu. Zijiwuzisele ngasemva zombini. Ngoku jiwuzisela ingalo enye ngemva enye ngaphambili, ngaxeshanye. Kwenze oku amaxa amathandathu uze emva koko utshintshe iingalo.

Zipholise: Beka izandla zakho esiswini. Bizela umoya ngaphakathi esiswini ude ubone izandla zakho zishukuma. Wukhuphe kancinci umoya. Phinda oku kane.






XHO LS Gr2 B2_inside.indd 57
2019/10/20 22:18:30

# Umsebenzi wasemini nowasebusuku


**Masithethe**

Jonga imifanekiso uthethe nomhlobo wakho ngayo. Ngabaphi abantu abasebenza ebusuku? Ngabaphi abantu abasebenza emini?





**Masibhale**

Ngabaphi kwaba bantu abenza umsebenzi wabo emini nasebusuku? Yenza uphawu lokukorekisha (✔) ecaleni kwemifanekiso echanekileyo.




XHO LS Gr2 B2_inside.indd 58 2019/10/20 22:18:32



**Masithethe** Thetha kwiqela lakho ngabo bonke abantu abasebenza ebusuku kuphela.

Ngaba ootitshala basebenza ebusuku kuphela?

Ngaba oonogada bokhuseleko basebenza ebusuku kuphela?

Ukhona umntu omaziyo osebenza ebusuku kuphela? Wenza ntoni loo mntu?



**Masibhale** Bhala ngohlobo lomsebenzi owenziwa ngumntu ngamnye osemfanekisweni ebusuku.





Utitshala:

Sayina:

Umhla:

# Ukwenza umsebenzi olungileyo ebusuku

Masithethe

Jonga imifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo. Lithini ibali olixelelwa yile mifanekiso?





XHO LS Gr2 B2_inside.indd 60 2019/10/20 22:18:35

Umhla: ..............................


Masibhale Jonga imifanekiso wandule ukuphendula imibuzo.

| |
|---|
| Ucinga ukuba ugqirha utheni kumsebenzi wasemgodini? |
| |
| Umsebenzi wasemgodini usebenzisa ntoni ukuze abone phantsi komhlaba? |
| |
| Kutheni kukho unogada wokhuseleko esibhedlele? |
| |
| Ukhona umntu omaziyo osebenza ebusuku? Wenza msebenzi mni? |
| |
| Ingaba kungenzeka ukuba umntu asebenze imini nobusuku okokoko? Kutheni ucinga njalo nje? |
| |
| |

Phuma phandle

- Nyuka usihla inqwanqwa kalishumi. Yima uphefumle ngokuzola.
- Phinda unyuke usihla amanye amaxa alishumi. Vula uvale izandla zakho xa usenza oku.
- Phinda unyuke usihla amanye amaxa alishumi. Vuthulula iingalo zakho.
- Phinda unyuke usihla kalishumi okokugqibela. Qhwaba izandla zakho xa usenza oku.








XHO LS Gr2 B2_inside.indd 61 2019/10/20 22:18:36

# 63 Izilwanyana zasebusuku

**Masithethe**


Jonga imifanekiso uthethe nomhlobo wakho ngayo. Jonga ukuba zingaphi izilwanyana onokuzinika amagama kwezi. Zikhona owakhe wazibona kwezi?









**Masifunde**



Izilwanyana ezininzi ziyazimela zilale emini, zizula-zule ebusuku kuphela. Sizibiza ngokuba zizilwanyana zasebusuku. Ezinye izilwanyana zasebusuku ziphila apho kushushu kwaye kome kakhulu khona emini. Zilinda kuqale kuphole emva kokuba ilanga litshonile phambi kokuba ziphume phandle. Ezinye izilwanyana zasebusuku zizimela ezinye izilwanyana ezizingela emini. Kwakhona kukho izilwanyana zasebusuku ezizingela ebusuku.




**Masibhale** Ngoku phendula le mibuzo.

| Kutheni ezinye izilwanyana zizingela ebusuku nje? |
| --- |
| |
| |
| **Zeziphi izilwanyana okhe waziva ebusuku?** |
| |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 62 2019/10/20 22:18:41

Umhla: ..............................



Masibhale

Funda ezi zivakalisi. Yenza uphawu lokukorekisha (✔) ebhokisini xa ucinga ukuba isivakalisi sichanekile. Yenza ungxabalaza (✘) xa ucinga ukuba asichanekanga.

| Zihlole | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Ezinye izilwanyana zasebusuku ziva ngeendlebe kakuhle kakhulu. | | |
| Ezinye izilwanyana zilala emini ukuze zihlale zipholile. | | |
| Izilwanyana zasebusuku ezininzi zijoja kakuhle zineempumlo ezibukhali. | | |
| Zonke iintaka zizilwanyana zasemini. | | |



Masifunde

Izikhova zilala emini ziphume ebusuku zizingele. Zinamehlo amakhulu ajonge phambili, njengawethu. Izikhova zibona kakuhle ngokukhanya kwenyanga. Aziboni xa kumnyama thsu.

Izikhova zineenzipho ezomelele kakhulu nezibukhali. Zizisebenzisela ukubamba izilwanyana ezizizingelayo. Amaphiko azo agqunywe ngeentsiba ezithambileyo. Ezi ntsiba zinceda izikhova zibhabhe zithe cwaka ukuze zingeviwa zizilwanyana ezizizingelayo.








Masibhale

Funda ngesikhova kwakhona uphendule le mibuzo.

| |
|---|
| Isikhova sizibamba njani izilwanyana esizizingelayo? |
| |
| Ingaba izikhova zizingela izilwanyana ezikhulu okanye ezincinane? |
| |
| Isikhova sineenzipho ezinjani? |
| |








XHO LS Gr2 B2_inside.indd 63
2019/10/20 22:18:43

# Isilwanyana esihlala sikhuselekile ebusuku

**Masithethe**

Jonga umfanekiso uthethe nomhlobo wakho ngawo. Uyalazi igama lesi silwanyana? Sikhona owakha wasibona?



**Masifunde**

Iincanda zilala emini. Ebusuku zikhangela ukutya. Zisebenzisa iinzipho zazo ezomeleleyo ukwemba iingcambu namagaqa okutya. Iincanda ziyathanda ukuzimela phantsi kwamawa. Zineentsiba ezigqume wonke umzimba. Ezi ntsiba zifana neenaliti ezibukhali kakhulu. Xa isilwanyana esizingelayo sisondela kakhulu, incanda ibuya umva ngokukhawuleza ihlabe umzingeli ngeentsiba zayo. Iintsiba zisuka ziwe kuyo ukuze ibaleke. Umzingeli ukholisa ukuva ubuhlungu kakhulu angakwazi ukuyileqa incanda leyo!

**Masibhale**

Ngoku phendula le mibuzo.

| |
|---|
| Yintoni igama lesi silwanyana? |
| |
| Senza ntoni xa kusondela kufutshane kakhulu kuso isilwanyana esizingelayo? |
| |
| Sihlala phi? |
| |
| Sitya ntoni? |
| |
| Ingaba sisilwanyana sasebusuku? |
| |



XHO LS Gr2 B2_inside.indd 64 2019/10/20 22:18:44